**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali- 190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Unkosi Rholihlahla Nelson Mandela' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Amazwi obulumko' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Intlakohlaza' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Uvukani madoda kusile' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Ukwindla' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 6. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| 8. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 10. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 12. *Amaza* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| 13. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| 14. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 15. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI EMIFUTSHANE.

## ITSHEKLISTI

Sebenzisa le tshekhlisti ukuqinisekisa ukuba uphendule inani elililo lemibuzo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–11 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 12–15 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA – DLP Yali-Manisi**

Ilizwe liyashukuma maLawundini!
Iintlambo zonke ziyaxokozela;
Iintaba zonke ziyadidizela;
Izizw' ezikhulu zimangalisiwe;
Kuba izizwana ziyagqushalaza.
Ziyaqhashambula, ziyabhinyalaza.
Inen' ilizwe liyashukuma,
Inen' ilizwe liyashukuma.

Aa! Zwe-liya-shukuma!
UZwe-liya-shukuma ngumdaka kaMandela,
Umdak' onobomi wakwaSokhawulela,
KwaDlom' omdlanga, kwaNgqolomsila,
Ingxangxos' ehamba ngamadolo yakwaNdaba.
Ukhala mqadi wafa yintsika,
Umty' ondindilili waseMantandeni.

Umgawuli wezint' ezisemeveni,
Egec'iintsunguzi zobudenge;
UMavelel' iimbombo zomhlaba;
Uzama-zam' ilizwe lizama-zame;
Umbhijel' ilizwe njengechanti.
Izilenz' elidada kwaweLigwa,
Liye ngokusela kwaweZambesi;
Umkhonzi wezizwe zeAfrika.

Ubakhonzil' abaMbo nabaNguni;
Wabakhonz' abeSuthu nabaTswana;
Wabakhonz' amaZulu kaSenzangakhona;
Wawakhonz' amaSwati namaNdebele;
Wawakhonz' amaTshona, amaNyasa namaKhangala;
Edal' umanyano lwama-Afrika,
Ukuz' inimb' ibenye yezizwe.
……………………………………………………

Hlalutya isitanza ngasinye kwesi sicatshulwa sombongo ukuphuhlisa intsingiselo. Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama angama-190–240 (iphepha eli-1–1½). **[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza**

Yivani ndiniphakele amazwi obulumko,
Khon' ukuze niluphumelele ugqatso lobomi.
Yibani ngabantu abanesimo nesimilo.
Yibani nomonde wokuzondelela ningatyhafi,
Khuthalani ninokunyameka nokunyamezela.
**Thantamisanani** ninokuvelana nokuncedana,
Khon' ukuze nibe nokuphumelela.
Omnye komnye, yibani nokuthobeka,
Lahlani ikratshi nokuzicingela,
Yibani banye nithandane nonke.
Zilahleni iinkcuku nobuhlanga,
Nibe novelwano omnye komnye.
Yenzani njalo ke niziintlanga nonke,
Kub' igazi lenu linye xa ninonke.

2.1 Loluphi udidi lwesihobe olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2 Mfanekiso-ngqondweni mni esiwunikwa yimbongi ngegama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-6? Cacisa impendulo yakho. (3)

2.3 Loluphi uluvo oluphambili olukhuthazwa yimbongi kumqolo we-13 nowe-14 kulo mhobe? (2)

2.4 Mfundiso ni edluliswa yimbongi ngokwentlalo yabantu kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe**

…………………………………………..
Ubulusizi umhlaba ukhedamile,
Uxwebil' uhlininika, umbi-
Namhla uyancuma, uyahleka,
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ubugugile, wambeth' amajacu,
Uneentloni, amehlo ejonge phantsi;
Wawambesa, wanjengomtshakazi.
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ibisozela yonk' into eyindalo;
Mphaphamisi, uyivuse yonke.
Emithini isandi seenyosi
Neseentaka asiswelekanga.

Yonwabile nayo imifula,
Iyadloba ngokwamatakane,
Ihlokoma, idanduluka isithi,
'Ntlakohlaza, siyakubulisa!'

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Silandeli sobusik' obubi,
Mfudumezi emva kwamakhephu,
Mniki-bomi olandel' intshazo

3.1 Lusetyenziselwe ntoni uphawu lwesikhuzo kumqolo wesi-4? (2)

3.2 Mfanekiso-ngqondweni mni esiwunikwa yimbongi kumqolo woku-1 nowesi-2? Cacisa impendulo yakho. (3)

3.3 Loluphi uluvo oluphambili olubethelelwa yimbongi kumqolo we-19 nowama-20 kwesi sicatshulwa somhobe? (2)

3.4 Mfundiso ni edluliswa yimbongi ngexesha lentlakohlaza kwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa**

'Ndikhumbul' eNxu-u-ba,'
Watsh' uVukani madoda kusile,
Wathi makuthengw' eyekhakh' ibhulukhwe;
Yatsh' int' ekhonya ngamava,
Yatsh' ixel' isifingo sokusa.

Itsho kamnand' emini,
Ewe ixel' imin' emaqanda;
Yatsho kalusizi ngorhatya,
Kwathwa kwelakowethu zezombethe.

Nkunz' edla kamnandi edla nemazi,
Nkunz' eyaziwayo yaziwa ngamathole.
Yaqhwaya madod' izihlamb' emgqubeni,
Yancedis' ukufun' isitshix' **emfungu-mfungwini**.

'Tyhini, tyhini le kwedini,
Yaz-yaz' ukuba' uzenz' umntu'
Yatsh' int' enkul' isongela,
Isongel' igatyan' elincokolis' eny' intokazi.

Wubon'uzigwagwisa kwiintokazi,
Wubon' usakha amaxhaka,
Wubon' udlisela ngobungangamsha,
Gqi indun' enkulu usapho luyashiywa
'Mampehle, ma-Mpehle ni-ni nisindile?'
'Xa, xa-xa bekutheni?'
'Ndakubetha, nda-ndakubetha'
'U-u-usile, u-u-usile' zatsho iintokazi zintyontyela.
…………………………………………………………………..

4.1 Zisetyenziselwe ntoni iimpawu zocaphulo kumqolo woku-1? (2)

4.2 Mfanekiso-ngqondweni mni esiwunikwa yimbongi ngegama elibhalwe ngqindilili kumqolo we-13? Cacisa impendulo yakho. (3)

4.3 Loluphi uluvo oluphambili oluvezwa yimbongi ngomqhagi kumqolo we-18 nowe-19 kwesi sicatshulwa somhobe? (2)

4.4 Mfundiso ni edluliswa yimbongi ngomqhagi njengentloko kusapho lwakwankuku kwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE)

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKWINDLA – GS Galela**

Ixesha lasekwindla lixabiseke kakhulu
Ixesha lasekwindla lithandwa kakhulu
Ixesha lasekwindla linenkxaso enkulu
Ngexesha lasekwindla sihlutha kakhulu.

Bambi babheka emasimini baya kufula
Bambi bavela emasimini bebeye kufula
Bambi baza kuya emasimini baye kufula
Bambi basemasini bayafula.

Balaph' **oogramza** zilapha neengceba
Balaph' oogqagqa bakh' oogazityeketye
Ilaph' imithwane ikhona nemixhaxha
Sojel' abadala sifuman' oonocuphe.

Wofik' umama' ebil' izithukuthuku
Nank' emva kocango esil' umbon' omtsha
Kuza kuphekw' intlaphoyi yangokuhlwa
Amas' avuthiwe kukho nomxhino.

Wofika olu satshana luncinci nci
Olu lusaqal' ukunqakula ngengqondo
Kugityiselwana ngemipha kudlalwa
Basadikwe ngowokosa ibhaqolo alikavuthwa.
………………………………………………….

5.1 Xela isixhobo sohlalutyo esisekuqaleni kumqolo woku-1 ukuya kowesi-3 nenjongo yokusetyenziswa kwaso. (2)

5.2 Mfanekiso-ngqondweni mni esiwunikwa yimbongi ngegama elibhalwe ngqindilili kumqolo we-9? Cacisa impendulo yakho. (3)

5.3 Cacisa okuthethwa kumqolo wama-20. (2)

5.4 Myalezo mni odluliswa yimbongi ngokwenzeka ngexesha lasekwindla? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE**,** ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 11.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Thamsanqa**

Phicotha isimo sentlalo kwincwadi ethi *Nyana wam! Nyana wam!*.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2-2½). **[25]**

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Thamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Mayela nasiphi ke isithuba bawo? Wabuza uThole.
'Mayela nokuba ukweli xabiso ukulo. Qonda le nto Mangaliso mfo wam, ndandizimisele ukuba ufunde, ndinethemba elikhulu ngawe lokuba kothi kuzezi mini ube uyinto ebomini, walala ke elo thamsanqa wasibaleka isikolo, lawa phantsi ke ithemba lam namabhongo am ngawe ndaba ngodanileyo. Oko ndingazanga ndife mfo wam ukumka kwakho ngenene le nto ingumntu ayifi kukuhliwa yinto embi. Kulungile ke akusenani, masinyathele ngonyawo leyo yemfundo ayisenani igqithile, masiyithathe ngokuba imfundo ibingelulo ubizo lwakho ebomini, sikhangele kumgca ongezantsi ungaka ngoku, ke ndithanda ukuqonda ukuba ujonge phi na?'

'Andikulandeli bawo, lityebise,' watsho uThole exoka eyiva intsingiselo yentetho kaFikizolo. 'Xa ithemba lam liwile ngasemfundweni mfo wam bendinqwena ukuba ufune umfazi, ndithi ndisifa ube unendawo yakho.'
'Musa ukuqala ulilahle ithemba bawo. Ngakwicala lomfazi ndifuna ukucela uxolo kuwe bendingekabi nanjongo, nto ndizimisele kuyo kukufezekisa umnqweno wakho ndiphindele esikolweni.'
Amothusa la mazwi uFikizolo, akazi nokuba makavuye nokuba makathini na, akakholwa nokuba unyanisile na nokuba uyabhanxa, 'Uthini na ngoku Mangaliso?'

[Isahluko sesi-4]

7.1 '… ndandizimisele ukuba ufunde, …' (Kumgca 3)

Cacisa ngonobangela wokuba uFikizolo athethe ngolu hlobo. (2)

7.2 'Andikulandeli bawo, lityebise' (Kumgca 10)

Asivezela ntoni amazwi kaMangaliso ngendlela awakuthatha ngayo ekwakuthethwa nguFikizolo? (2)

7.3 'Musa ukuqala ulilahle ithemba bawo.' (Kumgca 13)

Leliphi eli themba kubonakala ukuba wayenalo uThole? (2)

7.4 Yayiyintoni injongo kaFikizolo ngobomi bukaThole ngokwesi sicatshulwa? (2)

7.5 '… akazi nokuba makavuye nokuba makathini na, …' (Kumgca 16)

Loluphi udidi lwempixano ekuFikizolo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

Hayi yayinguwashiywa ukuya ezimotweni nasezibhasini, yayilukrozo iimoto ukusuka eKempton Park apho iJan Smuts ikhona ukuya kuqabela eRhawutini. Ngomzuzwana omncinci kwakhala ibhungane esikhululweni eJan Smuts kodwa abanye basala beziindwane belimele kukuxovulwa ngabanye. Isihlanu sona itshoba lalala umbethe, yathutha ithuthile inqwelo yezigulane ukusa esibhedlele. Akuzanga kube kudala befikile Albert Street lazala lema ngeembambo elo holo laseWesile abantu bengena benga bayagityiselwa besukela iindawo zokuhlala. Wayelapho umfundisi uMaqoma waseNxukhwebe noShepherd weDike lodumo. Kuthe emva kwezithethi ezibini nezithathu ezithe zathetha waphakama umbambi-ntambo wathi, 'Ke mzi wakowethu sibulela ubukho booyise balo mntwana phakathi kwethu ngale mini, phakamani banibone abantu befundisi.'

Zaphakama ezi ndedeba zombini zihleli ndaweni-nye zanqwala kunye ngeentloko zibulisa eso sihlwele. 'Uphuma ezandleni zala madoda lo mfana singaye apha' watsho ebukhomba. 'Ke mawethu,' uqhube watsho umbambi-ntambo, 'ndicinga ukuba soba siphambukile emgceni ukuba asinakukhe sinikele komnye wabo akhe enze amazwi.'
Wabonakala uMfundisi uShepherd ekrweca uMfundisi uMaqoma ukuba athethe.

[Isahluko sesi-7]

7.6 'Hayi yayinguwashiywa ukuya ezimotweni nasezibhasini …' (Kumgca 1)

Yeyiphi ingcinga evuselelwa leli binzana? (2)

7.7 '… yathutha ithuthile inqwelo yezigulane ukusa esibhedlele.' (Kumgca 5)

Yayiyintoni injongo yobukho benqwelo yezigulana kwesi sikhululo? (2)

7.8 '… sibulela ubukho booyise balo mntwana phakathi kwethu ngale mini, …' (Kumgca 10)

Sizathu sini esibangela ukuba uMfundisi uShepherd noMfundisi uMaqoma kuthiwe ngooyise bakaMangaliso? (2)

7.9 Xela umba owawuphambili ekwaxoxwa ngawo kwiSinodi emva kwale ntlanganiso kuthethwa ngayo kwisicatshulwa. (2)

7.10 IGeorge Goch ibiyindawo esele incanyiwe ngabefundisi abaninzi.

Bonisa ngeengongoma EZINTATHU indima eyadlalwa nguMangaliso ukutshintsha isimo sentlalo saseGeorge Goch. (3)

7.11 Thelekisa uMangaliso esive ngaye ngaphambili kule noveli nalo ukwesi sicatshulwa. (3)

**[25]**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Phicotha isimo sentlalo kwincwadi ethi *Ukhozi Olumaphiko*.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½). **[25]**

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Nathi satyhoboza kobo bungxashingxashi safika iinqwelo zingxangile, ndatsho phezulu kwejongise umbombo kwicala eliya kwaQaka. Yakuzala yenza isisi ukuya kuqabela kwindulana evelele loo dolophana yaseGxada. Ithe isihla kwithambekana elimxethuka ukujonga ezantsi entlanjeni babe abantu bekhohlela isimanga ngaphakathi ekhombini. Umsi otsarhayo wawungena uvela ngaphambili phantsi komqhubi owayengabonakalisi kothuka yena. Zavela macalana onke izikhalazo, kodwa intoni, umfo weteksi wangathi akanazo iindlebe usabolekise ngazo. Ndayiva ithoba isantya kanye xa iphezu komlambo ndacinga ukuba umqhubi usabela izikhalazo, kanti kuloko amapolisa evale indlela ngaphambili.

Ucango lomqhubi lonela nje ukuvuleka ndabona ngengalo enkulu enoboya imthi hlasi entanyeni imrhuqela ngaphandle, awa kuye amapolisa ngathi ngamaxhalanga ehlasela ihashe elifileyo. Abakhweli abazange babuze, batsho phantsi, bangena ithafa. Athi eqabuka amapolisa kwabe sekuthe saa, ndikwiqela elaliphambili. Zathi zisitsho izithonga zemipu, labe iqela lam litsiba izicithi ukuya kuwela ezindongeni, lathi, gubhubhu ngapesheya kungekho unyeka ngasemva.

Zakunqumama izithonga ndabheka, tyhini, amapolisa ayengazange aqalise nokuqalisa ukuleqisa. Lalikho ke kodwa iqelana labantu elingazange libaleke kuyaphi. Kucaca ukuba zathi zakutsho izithonga lema ngoko nangoko ngeli xesha thina sasithwele amatshoba ukucanda ithafa, sicela kwabanentsente. Ekubalekeni kwethu saxwesela ngasendleleni ekuthe sakusithela sakekelela ngakuyo, kodwa sekukho umgama ovisayo phakathi kwethu neziya zigebenga zisuke zatsibela umqhubi engenzanga nto.

[Isahluko sesi-3]

9.1 'Nathi satyhoboza …' (Kumgca 1)

Xela isizathu sokuba ooMfazwe benze esi senzo singasentla. (2)

9.2 '… ndatsho phezulu kwejongise umbombo kwicala eliya kwaQaka.' (Kumgca 1–2)

Siganeko sini esabangela ukuba uMfazwe angabikho kuQaka? (2)

9.3 '… kanti kuloko amapolisa evale indlela ngaphambili.' (Kumgca 9)

Zeziphi ezinye iindlela EZIMBINI ezazisetyenziswa nguRhulumente ukulwa umzabalazo wabantu abaMnyama? (2)

9.4 '… awa kuye amapolisa ngathi ngamaxhalanga ehlasela ihashe elifileyo.' (Kumgca 11–12)

Ngcinga ni evuselelwa leli binzana lingasentla ngoRhulumente wengcinezelo? (2)

9.5 '… thina sasithwele amatshoba ukucanda ithafa.' (Kumgca 19)

Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

Ndifike ndachola ilitye, ndagibisela, dlumpu latsho ngesithonga. Ndithathe elinye, gcumpu, ndalandelisa ngelinye ngcampu. Esi sithonga sokugqibela sindixelele ukuba loo ndawo ayinzulu.

Ndithe ukugqiba ndanqula abantu bomlambo ndibacela uxolo ngokubaphazamisa, ndakuzanelisa ukuba bandivile, ndingenile ndawela, akwenzeka nto. Ndihambe ndiyithelekelela indlela, ndaya kudlula kwilitye elikhulu awayethethe ngalo uJoma. Ukusuka apho iMgazi yayingekude kakhulu kodwa inganditthatha iiyure ezimbini ukuya kufika. Ndifune indawo elikhusi, ndakuyifumana ndahlala ndalinda intsasa. Kuthe kwakuthi qheke ukusa, ndathathisa kwakhona. Xa ndisuka kubekho into ethi mandibheke. Kwibalana lengca, nankuya laa mthendevu, ulijaja ligazi, uzilenca apha emikhonweni. He madoda! Yintoni kanye kanye le yenzekayo? Ndazibuza ndijika ndisiya kuwo.

Xa ndifikayo, nja yayiphi. Yingqondo yam endibhanxayo, hayi, andiphazami, bendibona yona! Ndifike apho ibilele khona ndahlola. Kwakungekho nto ithi kwakukhe kwalala nto engceni. Kanti umntu uqala ngokuthini xa aza kuphambana? Ndahamba ixesha elide kungekho nto yenzekayo ngaphandle kokothuswa ziintaka neenyamakazana. Ndiyokuqabela iinduli, evelele uMgazi, wona ubonakala kude phaya, kude kakhulu. Ndithe ndahlala phantsi ndakhupha ufele lomzingeli kuba kuwo onke la manzithinzithi, ndandingekahlukani nalo.

Ndiluvulile, yonke into yayisahleli kakuhle. Ndaziqhola ngawo onke lawa mafutha, ndahlafuna isijungqe sokugqibela somqwayito ndadibanisa nalaa magqatyana. Ndandisazibona ndifika kwi-ofisi esesazulwini sedolophu endandiyalathisiwe nguJoma ukuva kwam isithonga sikrazula intsasa. Ndive ngokunyela komlenze ukuba ndichaniwe.

[Isahluko sesi-9]

9.6 'Ndithe ukugqiba ndanqula abantu bomlambo ndibacela uxolo …' (Kumgca 4)

Cacisa ukuba kwakubaluleke ngantoni kuMfazwe ukunqula phambi kokuba awele emlanjeni? (2)

9.7 '… nankuya laa mthendevu, ulijaja ligazi, uzilenca apha emikhonweni.' (Kumgca 10–11)

Mqondiso mni oboniswa kukusoloko kuvela inja xa uMfazwe esengxakini kule noveli? (3)

9.8 'Ndahamba ixesha elide kungekho nto yenzekayo …' (Kumgca 16)

Yintoni unobangela wokuba uMfazwe ahambe ixesha elide ngeenyawo? (2)

9.9 '… ukuva kwam isithonga sikrazula intsasa.' (Kumgca 23)

UMfazwe uchaphazeleke njani sisithonga awasiva sikrazula intsasa? (2)

9.10 Likweliphi inqanaba ibali ngokwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.11 Thelekisa uMfazwe esive ngaye ngaphambili kule noveli nalo ukwesi sicatshulwa. (3)
**[25]**

**OKANYE**

## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Phicotha ubunyani obuphuhliswa sisaci esisetyenziswe njengesihloko sentsomi ethi, 'Ukuthetha uNongqawuse'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½). **[25]**

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

**INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iintaka zaye zithandana, zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufike watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana. Kwalile ngenye imini, ukhetshe wemka esiya kuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebesihlala mgama. Kule ngcingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe. Sincokole, sancokola, sancokola nesihlobo eso saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke. Lufike ekhaya umninimzi engekabuyi, abantwana beyimfe kukudinwa, belambile wada omncinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina. Isikhukukazi sibe ngasikhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. Sibhuqe, sabhuqa, sabhuqa sada sancama. Kusenjalo, kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waqhawuka, itshoba lalala umbethe ngenxa yendlala. Uthe umntwana esandul'ukufa wagaleleka ukhetshe, akayibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi wathetha wenjenje:

'Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalo nje kuya kubanjalo nakwinzala yethu. Ookhetshe baya kubatya abantwana beenkuku kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo. Uthe kuba atsho wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenkuku. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikelele ukuphanda, siqhwaya emhlabeni nje, sisakhangela esaa sitshixo sikakhetshe ukuze sixolelane naye, kubekho ibuyambo ukuze abantwana babo bangabi saxhwilwa. Phela-phela ngantsomi.

[Icandelo 2, Intsomi 17]

11.1 '… bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana.' (Kumgca 3)

Nika intlalo yekhaya ekuthethwa ngalo kweli binzana lingasentla. (2)

11.2 '… sicinge ngokuya kutyelela isihlobo …' (Kumgca 5)

Usivezela ntoni ngesimo sesikhukukazi umbalisi ngokusuka sithabathe uhambo kule ntsomi? Xhasa impendulo yakho. (3)

11.3 '… thina sobabini sahlukene.' (Kumgca 16)

Sivuselela eyiphi ingcinga isigqibo esithatyathwe ngukhetshe ngomtshato wakhe kule ntsomi. Xhasa impendulo yakho. (3)

11.4 Tyhila isigqebelo esivezwa ngumbalisi kule ntsomi. (2)

11.5 Mfundiso ni efumaneka kule ntsomi ngokhetshe? Xhasa impendulo yakho. (3)

**ISICATSHULWA F**

**USILIMELA! Inyanga yokubala iminyaka yobudoda**

A! Silimela!
AmaNdlamb' amatsha!
Hay' amaNdlamb' amatsha!
Hay' amaNdlamb' amatsha!
Inkos' am, ngumntakaNdluzodaka,
Yindod' ezalwa ngabantwana ababini:
Izalwa nguMakinana noNopasi.
UNopasi yintombi kaMon' umhlophe kaNtshunqe,
Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana.
NguLuhad' igama lakhe,
Umbambo zemka zabuyelela:
Ngaphantsi kwelitye kukoyikeka,
Kuba zilaph ' iinzwana namadikazi.
………………………………………………..
Bizan' izizwe kuzokwabiwa iinkwenkwezi!
Iinkwekwezi mazabiwe.
Nina beSuthu,
Thathan' uCanzibe,
Niya kwabelana namaTshawana nabaTshophi
Nazo zonk' eziny' iintlang' ezinezishuba.
Nina bakwaZulu,
Thathan' amakroza,
Niya kwabelana namaSwazi namaTshophi namaTshangana
Neziny' iintlang' ezingamajarha.
Nina baseBrithani,
Thathan' ikhwezi,
Niya kubambana namaJamani namaBhulu,
Noko nibantu bangakwaziy' ukwabelana:
Nisuka nenz' imfazwe yamaBhulu neyamaJamani.
Siza kubambana ngeSilimela thina mabandla kaPhalo,
Yona nkwenkwez' enkulu,
Kuba yinkwenkwezi yokubal' iminyaka,
Iminyaka yobudoda.
Ncincilili!
Ncincilili!

[Icandelo 3, Isibongo 1]

11.6 Loluphi udidi lwesihobe olu? Xhasa impendulo yakho ngeempawu EZIMBINI. (3)

11.7 'Hay' amaNdlamb' amatsha!
Hay' amaNdlamb' amatsha!' (Kumgca 3–4)

Xela umsebenzi owenziwa luphindaphindo lwale miqolo? (3)

11.8 'Izalwa nguMakinana noNopasi.
UNopasi yintombi kaMon' umhlophe kaNtshunqe,
Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana.' (Kumgca 7–9)

Sizathu sini esibangela ukuba imbongi ilande umnombo walo mntu imbongayo kule miqolo? (2)

11.9 'Noko nibantu bangakwaziy' ukwabelana:
Nisuka nenz' imfazwe yamaBhulu neyamaJamani.' (Kumgca 27–28)

Ivuselela eyiphi ingcingca imbongi ngamaBhulu kule miqolo? Xhasa impendulo yakho. (3)

11.10 Kubonisa ntoni ukuvela kwenkwenkwezi elikhwezi ngokwendalo? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 12 ukuya kumbuzo 15.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 12 (UMBUZO OSINCOKO SONCWADI)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Xoxa kuvokotheke phantsi kwala manqanaba esakhiwo sebali alandelayo:

- Ingabula-zigcawu
- Uyondelelwano lwebali
- Uvuthondaba

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½). **[25]**

### UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

| | |
|---|---|
| SIDIMA: | Bendingazi ukuba nditshate nomcuphi? |
| NAMHLA: | Ukuze ndingabi ngumcuphi kufuneka ndikuyeke uphuce ngam. |
| SIDIMA: | Undithiyile ne? |
| NAMHLA: | Zizenzo zakho. |
| SIDIMA: | Wawukhe wandithanda ngaphambili? |
| NAMHLA: | Ndakunika lonke uthando lwam. Ndada ndakukhuphela olusenkotyweni. |
| SIDIMA: | Walukhupha akwasala namaqabaza. |

NAMHLA: Amaqabaza antoni?

SIDIMA: Okusiqabula kulo mnqantsa wendlela yomtshato.

NAMHLA: (*Epakisha impahla yakhe)*
Akundazi kanene.

SIDIMA: Waqokelela impahla uyaphi?

NAMHLA: Akundifuyanga kweli nqugwala, andisosibotshwa sakho.

SIDIMA: Zicenge umsindo Namhla, ndiza kukwakhela ikhaya. Akuzukodlulwa nkosikazi.

NAMHLA: Ungandakhela ipomakazi lendlu,
Unganditéhengela imirhutyululu yelokhwe,
Unganditéhengela imihalatushe yeemoto
Ungandifunxa ngemfunxulelo yozipho.
Unga …

SIDIMA: Uxolo, thula ngoku, umlomo usengozini yokukrazuka.

NAMHLA: (*Esakheleka ngumsindo)*
Ungandityisa amafityofityo ndibe likiyokiyo; Ungandinxibisa ubunewunewu ndibe yipikoko, ungandifunela izicaka zibe zizihlwele, ungandipha isidwadwalala somhlaba, ungawubiyela lo mzi ube yinqaba, ukuba akundithandi ndifana nesikhova ehlathini, ndilixhwitha-ntamo, ndingumhlolokazi, ndiphelelwe, ndiphefumla ngamanxeba.
*(Uzimbolambola phantsi uNamhla, ukhala esikrakra)*

*(Emfunqula, embeka phezu kwebhedi)*

SIDIMA: Khawuzole Namhla.

NAMHLA: Ndizolele ntoni?

SIDIMA: Khe kudlule ixesha.

NAMHLA: Ke ixesha liza kudlula nantoni.

SIDIMA: Ixesha ngumhlobo osombulula amaqhina, ixesha liyeza elipholisa amanxeba.

NAMHLA: (*Etsiba ebhedini, bejijisana)* Ucikoza okukanye kukaSathana! Ndiyeke! Suka kum! Nja! Nja! *(Uwe umkhusane)*

[Indima yesi-2 umboniso woku-1]

13.1 'Bendingazi ukuba nditshate nomcuphi?
Ukuze ndingabi ngumcuphi kufuneka ndikuyeke uphuce ngam.'
(Kumgca 1–2)

Yintoni intsusa yokungavisisani okuphakathi kukaSidima noNamhla ngokwezi ntetho zabo zingasentla? (2)

13.2 '*(Uzimbolambola phantsi uNamhla, ukhala esikrakra)*' (Kumgca 28)

Xela imisebenzi EMIBINI eyenziwe ngala magama akwizibiyeli. (2)

13.3 'Ixesha ngumhlobo osombulula amaqhina, …' (Kumgca 34)

Yintoni unobangela wokuba uSidima athethe la mazwi? (2)

13.4 Zibe yintoni iziphumo zempixano ephakathi kukaSidima noNamhla? (2)

13.5 'Ndiyeke! Suka kum! Nja! Nja!' (Kumgca 36–37)

Nika isizathu sokuba uNamhla ambize ngokuba yinja uSidima? (2)

13.6 Yintoni ebalulekileyo eyayingekho emtshatweni kaNamhla noSidima? (2)

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| THOZAMILE: | Yintoni kanye le nto ichasiweyo? |
| KHULILE: | Bathi siza kudubaduba inzolo yeminyanya. |
| VUYISILE: | Yingqondo nje yelali, kudala zikhona iinkonzo ezinje ngale ezidolophini. |
| SILUMKO: | *(Ejonge kuZazile)* UbuKristu buneentshaba ezininzi, Indima yekholwa nqwa neyomendi. Akufuneki uthambe kakhulu kuba uya kubhetyeka, ungabisenza nto? Xa nditshoyo ke ndithi asinakurhoxa. |
| ZOLA: | Inene kunzima apha, kudala ishunyayezwa ivangeli. |
| MZABALAZI: | *(Emxhasa)* Iqingqitha nje iminyaka yokhanyo. Ayaqingqa nawo amaxesha obumnyama. |
| ZAZILE: | Loo nto mayingasityhafisi. |
| KHULILE: | Masikhumbule ukuba imbewu yokhula Ikhula lula. Imbewu yombona ithatha ixesha elide. (*Kungena uNodabephi)* Heke, ukholisile ufike. Uthini uVathiswa? |
| NODABEPHI: | *(Ethethela phezulu)* idilikela ezantsi kwatat'uNgxelelo, undixelela ukuba litshone elayizolo esiphuka imicondo esasaza indibano yamanqaba. |
| KHULILE: | Ewe. |
| NODABEPHI: | Uthi ithe igaleleka loo mfidi kwabe sekukho izwana elihlabela igwatyu lincediswa yindyondyo yesidoda. |
| KHULILE: | Ewe. |
| NODABEPHI: | Inene, inkulu into! |
| XOLILE: | Hayi noko, masimfakele idiskhawunti kule yemiqodi. |
| NODABEPHI: | *(Ecaphuka)* Andazi ke. |
| KHULILE: | Ngokuqinisekileyo bayaya emangcwabeni? |

| | |
|---|---|
| NODABEPHI: | Bayaya. |
| ZAZILE: | Lithini ibandla xa kunje? |
| MZABALAZI: | Eyona ngozi iya kuba kukurhoxa! UYesu wafela inyaniso nobulungisa, kungani ke ukuba singazenzi idini thina? |
| ZAZILE: | Ndiyawuvuyela lo moya mhle kangaka. Kwizityebi zonke zale lali. Asikho esogqitha umntu oguqukileyo. Kwizinhanha zonke zeli lizwe, asikho esibetha ikholwa. Kwizinunzela zonke zalo mhlaba, asikho esodlula umntu okholiweyo. Kumakhalipha onke eli hlabathi, alikho eligqwesa umlandeli weNkosi. |
| THOZAMILE: | *(Ekhuthazeka)* Nangona ndibundeza yimpilo exekexeke, ndiya kuxhathalaza ndiye emangcwabeni. |

[Indima yesi-5, Umboniso wesi-2]

13.7 'Yingqondo nje yelali, …' (Kumgca 3)

Ivuselela eyiphi ingcinga ngeelali le ntetho kaVuyisile ingasentla? (2)

13.8 Caphula umgca kwesi sicatshulwa obonisa ukuba uSilumko yindoda enomqolo. (2)

13.9 Thelekisa indlela ebonwa ngayo inkonzo yasemangcwabeni ngamaKrestu namatyathangubo kule ncwadi? (2)

13.10 'Asikho esogqitha umntu oguqukileyo.' (Kumgca 32)

Tyhila indlela abubona ngayo ubutyebi uZazile ngokwala mazwi akhe angasentla. (2)

13.11 '… ndiye emangcwabeni.' (Kumgca 37)

Xela izothuso zibezi-3 ezityhileke emangcwabeni ngokwale ncwadi. (3)

13.12 Uyiqaqambise njani umbhali inkolo yobuKrestu emangcwabeni? (2)

**[25]**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Xoxa kuvokotheke phantsi kwala manqanaba esakhiwo sebali alandelayo:

- Ingabula-zigcawu
- Uyondelelwano lwebali
- Uvuthondaba

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (amaphepha ama-2–2½). **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| LUTSHABA: | (*Emva komzuzwana*) Tyhini madoda! Basikhumbula abakhozi bethu! Niphilile kodwa mkhozi? |
| TYHALI: | Hayi noko mkhozi, asikaboniswa nto, sixoliswa nje kukunibona nisengabaya bakhozi bethu bale nyanga ifileyo. Sasisithi niyakukruquka nikhumbule kumawenu. (*Bahleka bonke*) Phofu nibona ntoni nina? |
| LUTSHABA: | Akukho nanye etenxileyo mkhozi, kukonwaba qha. Ndijongile nje andiqondi ukuba ingakho nengada eqhweshayo apha. Siyahlutha, siyombela, siyasina, siyancokola, sikhuselekile, ndibala ntoni na? Ngaphezu kwayo yonke loo nto sibuka neli lizwe lenu kwanendlela le eniziqhele ngayo ezi ntlanga zinwele ziyephu-yephu. Kwekhu! Ninesibindi kodwa mkhozi, ukuthi nihlale. Nihlale nijongane nezi zinto zimehlo aluhlaza ngathi ngawenyushu. *(Qhuzu intsini bonke kunjalonje)* |
| TYHALI: | Abakalingeneleli na kanti eliya cala loThukela noKhwahlamba mkhozi? |
| DOLO: | Asibazi thina aba bantu banje mkhozi. Mandilikhuphe mna elithi bendisoloko ndisiva nje ngabo. Ndiyabazibula, kunjalo nje ndiya kubalisa ngabo nam. |
| XHOXHO: | (*Ephelile yintsini)* Ububabone phi na mkhozi njengokuba usakhangeleka njengomntu owothukileyo nje nangeli xa bengasekho phambi kwakho? |
| DOLO: | Hayi mkhozi mfondini, mus'ukuyihleka into imbi. Asikhange silale ngala mhla babendwendwele apha Komkhulu abaya bantu. Ndithi kwasa sonke sithe phundlu amehlo, bambi besithi ngoomamlambo, abanye bemi ngelithi ziinkawu zomlambo. Sahlisana senyusana kwayiloo nto, ndibona phofu ukuba elowo woyika ukulala hleze aphuphe kakubi, kungenjalo athwetyulwe kuba iyavakala naleyo yokuba bayagqwesa apha ekuthwebuleni abantu ngezinto abazikhupha ngomlomo. |

[Indima yesi-2, umboniso wesi-4]

15.1 Yintoni edibanisa aba bakhozi? (1)

15.2 *(Qhuzu intsini bonke kunjalonje)* (Kumgca 13–14)

Xela imisebenzi EMIBINI eyenziwe ngamagama akwizibiyeli ngokwesicatshulwa? (2)

15.3 'Kwekhu! Ninesibindi kodwa mkhozi, ukuthi nihlale. Nihlale nijongane nezi zinto zimehlo aluhlaza ngathi ngawenyushu.' (Kumgca 11–13)

Xela izinto ezazifunwa ngabantu basemzini kummandla kaMaqoma? (2)

15.4 Bonisa isimo sentlalo esifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

15.5 '… bayagqwesa apha ekuthwebuleni abantu ngezinto abazikhupha ngomlomo.' (Kumgca 29–30)

Kuvuselelwa eyiphi ingcinga okuthethwa kule migca ingasentla. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| DLOMO: | Akusenani, andinakukhumbuza nakanye. Sihlikihle sonke. Ucinywe ngubani uQhinebe amehlo? |
| MNGXONGO: | Ndim lo kanye. |
| QWATHI: | Awu! Phi kweliya ubusithi apha ufike sel' ebanda? Thetha kakuhle mfanandini! |
| DLOMO: | Kahle Qwathi, mus'ukumngxamela. Tyhilela le nkundla ke Mngxongo ngamazwi okugqibela aloo mphakathi. Ukhumbule ke ukuba ubungewedwa, indlu ibizele imi ngeembambo lusapho lukaQhinebe. |
| MNGXONGO: | Akukho nto ayithethileyo. (*Akhuza amadoda*) Andikhumbuli mazwi, ungandikhumbuza ukuba ubukho wena. |
| DLOMO: | Bendingekho mna. Kodwa unyana omkhulu kaQhinebe obekubambisile ngeliya xesha benimxhasile ukho apha, nguye ke oza kutyebisela le nkundla. Yiza nganeno ke mfana usityhilele konke okuqhubekileyo. |
| MANGXOYI: | A! Jongindyebo! (*Akhahlela amabutho*) A! Jongumsobomvu! (*Aphinda*) Mhlekazi ufike ubawo ndikho phaya kokwethu, ndiye kusabela kumama kanye malunga nokungabikho kukabawo lowo nabaninawe bam ngekhaya. Undityhilele umama ukuba ubawo ulukuhlwe ngubawo uMngxongo lo, bekho bemamele, bemthembisa ngobuphakathi obukhulu xa uQuka seleyinkosi. Bamnqande bancama, wasuka wathatha izikhali zakhe wahamba nobawo uMngxongo lo. Ufike ke izolo wathumela ukuba kubizwe ubawo uMngxongo kunye nam lo. Ekufikeni kukaBawo uMngxongo, ubawo undiyalele ukuba ndihlanganise usapho lonke, waza wathi ezindlebeni zethu sonke, 'Bantwana bam, ndifakwe ngentloko kule nto yokubulala inkosi nguMngxongo lo nimbonayo. Nimyeke, ningamenzi nto, ebezenzela. Ndiyingene kuba ndibazi ukungcola kwabo, nanku ke mboneni.' Kukangako ke mhlekazi. |
| | [Indima yesi-5, umboniso wesi-3] |

15.6 Uzotywe njengomlinganiswa onjani uMngxongo ngokwesicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

15.7 'Ukhumbule ke ukuba ubungewedwa, …' (Kumgca 7–8)

Yintoni azama ukuyibethelela kuMngxongo uDlomo kula mazwi akhe angasentla? (2)

15.8 Wayamkela uMaqoma ingcamango kaQwathi yokubulala aba bantu beze nenkolo abangayaziyo yobuKrestu? Cacisa. (2)

15.9 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

15.10 Usityhila njani uQhinebe isimo sakhe xa ayolelayo kwesi sicatshulwa? (2)

15.11 Uyiqaqambisa njani umbhali intlonipho awayenayo uMaqoma kuyise kwesi sicatshulwa? (2)

15.12 Ngqina ukuba uMangxoyi ungumlinganiswa onembeko ngokwesi sicatshulwa. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**